# IsiXhosa

ULwimi lwaseKhaya nezaKhono zoBomi

2

Ikota 4



Umfundi: ____________________

Funda Wande
Reading for Meaning

2

Ikota 4

# IsiXhosa

## ULwimi lwaseKhaya nezaKhono zoBomi

INcwadi Yomfundi Yomsebenzi



**Isivumo**
Inkqubo edityanisiweyo yoLwimi lwaseKhaya nezaKhono zoBomi yaphuhliswa liqela lakwaFunda Wande ngokubonisana nabantu abavela kumacandelo ekharityhulam eSebe leMfundo eNtshona Koloni, eLimpopo naseMpuma Koloni, izifundiswa nabafundisintsapho abasuka kwiiyunivesithi ezininzi nootitshala abasenkonzweni.

Ukuphuhliswa kwezi ncwadi kwenzeke ngenxa yenkxasomali ye-Allan Grey Orbis Foundation Endowment, iFEM Education Foundation, iMichael & Susan Dell Foundation, kunye neZenex Foundation.

**Imifanekiso:**
Sibulela kakhulu ku-Anja Stoeckigt ngegalelo lakhe kwimifanekiso ephambili efumaneka kule ncwadi.

**Eminye imifanekiso izotywe** ngu-Patrick Latimer: iphepha 11, 41, 43, 45–46, 70 nelama-72; Crazy Cat: iphepha 17, 32, 116–121 nele-145; Nelri Malan: iphepha 49, 84, 87 nelama-93; Alex Latimer: iphepha 55, 64, 131, 160 nele-163; Jiggs Snaddon-Wood: iphepha 108, 154–159 nele-171; Creative House: iphepha 179; Rassie Erasmus: amagama ezandi

**Uqweqwe:** Anja Stoeckigt

**Iikhredithi zeefoto:**
WikiCommons: iphepha 3: South African Tourism (Big Hole at Kimberley), iphepha 4: South African Tourism (Mapungubwe), iphepha 6: Dareen Glaville (Mandela Sculpture in KZN), iphepha 7: South African Tourism (Robben Island), iphepha 23: Picasa (Table Mountain Cable Car), iphepha 40: David Stanley (rock art), iphepha 137: James St. John (reflective cat eyes), iphepha: kunjan detroja (Hindu wedding); Shutterstock: iphepha 4: Ian Richter (Hartbeespoort Dam), iphepha 5: Volodymyr Burdiak (Big 5); iStock: iphepha 5: HomoCosmicos (Soweto Towers), iphepha 14: FrankRamspott (map of South Africa), iphepha 23: LaylaBird (happy woman), iphepha 29: ManoAfrica(Union Buildings), iphepha 52: Maica (quill cursive writing), iphepha 90: Ig0rZh (sunset), iphepha 128: Kim Marriott (spotted eagle owl); iphepha 6: Clive Reid (Golden Gate National Park); iphepha 8: South African National Government (Coat of Arms); iphepha 42: World History Encyclopedia/Jade Koekoe (clay tablet from Mesopotamia); iphepha 44: Leo Reynolds (wooden block letters); iphepha 67: Funda Wande Media Team (map on phone); NASA: iphepha 90 (moon), iphepha 99 (International Space Station); iphepha 99: ESA/Hubble (stars); iphepha 143: Vincent van Gogh (*Starry Night*).

**Iikhredithi zezandi zesiXhosa:**
WikiCommons: Derek Keats (brown-hooded kingfisher, golden-breasted bunting and narina tragon), Bernard DUPONT (ground hornbill, red-faced mousebird, red locust, Cape dikkop and Cape Willow tree), Lon&Queta (raised store hut), gailhampshire (frost), Paul-andre Calatayud (stalk-borer), Gregory "Slobirdr" Smith (honeysucker bird), Anton Croos (fantail grass warbler), DickDaniels (bully seed eater).

Yonke eminye imifanekiso ekumaphepha ashicilelweyo ebonelelwe ngokusetyenziswa kwepremium ngu-**Freepik**, **Rawpixel** kunye no-**Pexels**.

www.fundawande.org

ISBN: 978-1-991225-26-9

Version 2: 2024

Nabani na uvumelekile **ukwabelana** (ukukhuphela kunye nokusasaza kwakhona imathiriyeli kuyo nayiphi na indlela okanye ifomathi) okanye **ulungelelanise** (uphinde wakhe okanye uguqule kwakhona ngokweenjongo onazo.) unike iikhredithi ngoluhlobo: *Funda Wande, IsiXhosa ULwimi lwaseKhaya nezaKhono zoBomi, INcwadi Yomfundi Yomsebenzi, IBanga 2, Ikota 4, CC BY 4.0.*

Awunakongeza miqathango okanye uguqule milinganiselo ethintela abanye ngokusemthethweni ekwenzeni nantoni na eneemvume ngokwelayisenisi.

Fumana iinkcukacha: https://creativecommons.org/licenses/by/4.0/

# Isiqulatho


| | | |
|---|---|---|
| Iveki yoku-1 | UMzantsi Afrika, ikhaya lethu elikhethekileyo | 1 |
| Iveki yesi-2 | UMzantsi Afrika, ikhaya lethu elikhethekileyo | 17 |
| Iveki yesi-3 | Ukugcina unxibelelwano | 27 |
| Iveki yesi-4 | Ukugcina unxibelelwano | 43 |
| Iveki yesi-5 | Kwenzeka ntoni ebusuku? | 53 |
| Iveki yesi-6 | Kwenzeka ntoni ebusuku? | 69 |
| Iveki yesi-7 | Izilwanyana zasebusuku | 77 |
| Iveki yesi-8 | Izilwanyana zasebusuku | 91 |
| Iveki ye-9 | Amaxesha akhethekileyo nosapho | 97 |




# Ii-ayikhoni



Ukufunda



Ukubhala




Izandi



ULwazi olusisiSeko



EzobuGcisa beQonga



UmSebenzi Owenza Wedwa



Faka umbala



Bhala



Sika

# UMzantsi Afrika, ikhaya lethu elikhethekileyo

## Iveki yoku-1 neyesi-2



# Ilizwe lonke jikelele




Masenze ngathi sithatha uhambo olujikeleza uMzantsi Afrika?

Zeziphi izinto ezinomdla esinokuzibona kwiphondo ngalinye?

EMntla Koloni, umngxuma omkhulu oseKimberley, yayingumgodi wedayimani, ngoku uliziko lolondolozo lwembali (imyuziyem).




INtshona Koloni idume ngobuhle bayo bendalo.

INtaba yeTafile eseKapa idume kwihlabathi liphela.



EMntla Ntshona siyakwazi ukonwabela imidlalo yasemanzini kwiDama iHartbeespoort. Udonga lwedama lwakhiwa ngowe-1896.

ELimpopo singafunda ngempucuko yamandulo eMapungubwe. Abantu bakha isixeko apho kwiminyaka eliwaka eyadlulayo.



IMpumalanga idume ngeKruger National Park, eyona paki yezilwanyana zasendle inkulu eMzantsi Afrika.




IGauteng ineendawo ezininzi ezinomdla zokutyelela. Imiphongoma yamanzi eseSoweto kudala yayasisikhululo sombane. Ngoku, ziindawo zokudlala umdlalo wokutsiba ukusuka phezulu ukuya ezantsi emgangathweni, obizwa ngokuba yi-*bungee jump*.



Endleleni enqumla iFreystata singatyelela iPaki iGolden National Gate. Iintaba zikhazimla okwegolide elangeni.






KwaZulu-Natal kukho umfanekiso oqingqiweyo osinceda ukuba sikhumbule umongameli wethu wokuqala, uNelson Mandela.

IMpuma Koloni inezinto ezininzi ezimangalisayo esinokuzibona. Iilwandle zaseGqeberha yindawo entle yokuphumla.






Xa sibuyela eNtshona Koloni. Singafunda banzi ngembali yoMzantsi Afrika ngokutyelela isiqithi iRobben Island.

# Masifunde ngoMzantsi Afrika




**IMbasa yeSizwe**

**Amakomkhulu:**
ePitoli naseKapa

**Ezinye izixeko ezibalulekileyo:**
iRhawuti, iTheku, iBloemfontein

**Amaphondo:**
eMntla Koloni
eNtshona Koloni
eMpuma Koloni
eMntla Ntshona
eGauteng
eLimpopo
eFreystata
eMpumalanga
KwaZulu-Natal



**Iimveliso**
- Imigodi, iimveliso
- Umbona, iziqhamo, iswekile




**Iilwandle:** Indian Ocean, Atlantic Ocean



**Imozulu:**
- Kwiindawo ezininzi eMzantsi Afrika: Imvula yasehlotyeni
- INtshona Koloni: Imvula yasebusika

**11**
**Iilwimi ezisemthethweni**



UMHLA ____________________

# khw
# ii





ukhwalimanzi iimpukane







ukhwele ikhwapha umkhwetha

khwe-ze-la ii-mbo-va-ne um-khwe-pha



____________________



____________________



____________________

Umkhwetha ubone umkhwepha ugcwele iimbovane.



# UMzantsi Afrika ukhethekile

**Tshatisa imifanekiso nezivakalisi.**

Sineenkcubeko ezininzi ezahlukileyo.




Sikholelwa ukuba amantombazana namakhwenkwe angenza nawuphi na umsebenzi.




Sineelwimi ezahlukileyo ezili-11.



Singavotela iinkokeli zethu.



Ndicinga ukuba uMzantsi Afrika ukhethekile ngoba

UMHLA ____________________

# Khetha igama elichanekileyo ukugqibezela isivakalisi.


wakhwela


iimpukane

Isikhwenene



umkhwetha


Iinkukhu

Ukhwalimanzi




1. Iinkukhu zizalele amaqanda amaninizi.
2. ____________ sakhe siyathanda ukumlinganisa xa efunda iincwadi.
3. Andiyithandi indawo emdaka ngoba igcwala ____________.
4. Uye ____________ ihashe ukuya edolophini.
5. ____________ ubamba iintlanzi emlanjeni.
6. Uyabuya ngomso ____________ wasekhaya, siza kuba nomgidi.

UMHLA ______________________

# Iikhampasi




Jonga kwimephu ekwiphepha lesi-2.

**Ngawaphi amagama amaphondo aquka izalathiso zekhampasi? Liphuma phi ilanga kwaye litshone phi?**

UMHLA ______________________________

# oo nkw



oonomadukudwane



isikhonkwane



oonomeva



ooduladula



oonopotyi

i-sa-nkwa-ne oo-ta-ta ii-nkwa-li



______________________________



______________________________



______________________________

Oomalume abanenkwethu bathwele izankwane.

UMHLA ________________

# Ilizwe lam



**Funda umbongo. Phendula imibuzo.**



Ndiyalithanda ilizwe lam!
Lifana neflegi yethu.
Lizuba njengolwandle nesibhakabhaka.
Liluhlaza njengezityalo namahlathi.
Limthubi njengezimbiwa ezivela emigodini yethu.
Libomvu, mnyama namhlophe njengesibindi
sabantu bethu,
Qhubela phambili ngomanyano.



Yintoni oyithandayo ngelizwe lakho?

________________________________________

________________________________________.

Yintoni oyithandayo ngephondo lakho?

________________________________________

________________________________________.

UMHLA ____________________



# Ukufunda amagama ngexesha elibekiweyo

**Mangaphi amagama ongawafunda ngomzuzu?**

| | | | | |
|---|---|---|---|---|
| igusha | ujingi | phatha | phakama | umva |
| ngoko | uyoyika | amagama | ifoto | nguye |
| imbewu | ipilisi | bhaka | idolo | dlula |
| jikeleza | yima | ingaba | ibali | mhle |
| lumka | igolide | ingxolo | yakha | xuba |
| qhekeza | igogogo | ifowuni | linda | umvundla |
| qhuba | ayeke | vula | luma | ubhuti |
| ufuna | azama | vala | xhuma | ngomso |

Amagama awafunde ngokuchanekileyo ____________ .



# Fundani ngababini



INtshona Koloni idume ngobuhle bayo bendalo.
INtaba yeTafile eseKapa idume kwihlabathi liphela.
EMntla Koloni, umngxuma omkhulu oseKimberley, yayingumgodi wedayimani, ngoku uliziko lolondolozo lwembali (imyuziyem).

**IKimberley inomgodi wantoni?**

KwaZulu-Natal kukho umfanekiso oqingqiweyo osinceda ukuba sikhumbule umongameli wethu wokuqala, uNelson Mandela.
IMpuma Koloni inezinto ezininzi ezimangalisayo esinokuzibona. Iilwandle zaseGqeberha yindawo entle yokuphumla.



**Yintoni entle eMpuma Koloni?**



UMHLA ______________________________

# UKUTYELELA NOMZANTSI AFRIKA






Khenketha uMzantsi Afrika uzibonele ngokwakho!

UMHLA ____________________

# ntl



intlanzi



intloko



intlama



entlango

u-no-ntla-lo-ntle ii-ntla-ntsi i-ntlu-tha



____________________



____________________



____________________

Unontlalontle ubaphathele abantwana intlanzi entle.

UMHLA ______________________

# Thelekisa iiflegi

| | Imibala | Iimilo | Imifanekiso |
|---|---|---|---|
| Mzantsi Afrika  | | ☐ Imigca exwesileyo<br>☐ Imigca ekekeleyo<br>☐ Unxantathu<br>☐ Inkwenkwezi | ______ |
| Zimbabwe  | | ☐ Imigca exwesileyo<br>☐ Imigca ekekeleyo<br>☐ Unxantathu<br>☐ Inkwenkwezi | ______ |
| Namibia  | | ☐ Imigca exwesileyo<br>☐ Imigca ekekeleyo<br>☐ Unxantathu<br>☐ Inkwenkwezi | ______ |
| Lesotho  | | ☐ Imigca exwesileyo<br>☐ Imigca ekekeleyo<br>☐ Unxantathu<br>☐ Inkwenkwezi | ______ |

UMHLA ______________________________

# Fakela isandi esisishiyiweyo





1 intloko



2 i ________ ma



3 umkhwe ________



4 i ________ nzi



5 isikho ________ ne



6 entla ________



7 ________ nopotyi



8 ii ________ ntsi

UMHLA ______________________

# IZakhiwo zeNdibano



Esi sakhiwo sakhiwa ngowe-1910, kwaye sisasetyenziswa ngurhulumente woMzantsi Afrika.

**Siphi esi sakhiwo? Yi-ofisi kabani elapha?**

# nkq



inkqayi








nkqonkqoza unkqankasi inkqubo

nkqo-nkqa i-nkqa-nto-si nkqa-mpu







Ndimbone ngenkqayi uNonkqubela eza kunkqonkqoza.

# UMhobe wethu weSizwe

**Funda amagama kunye notitshala wakho.**
**Ziqhelanise nomhobe.**

Nkosi sikelel' Afrika
Maluphakanyisw' uphondo lwayo
Yizwa imithandazo yethu
Nkosi sikelela, thina lusapho lwayo

Morena boloka setjhaba sa heso
O fedise dintwa le matshwenyeho
O se boloke, o se boloke setjhaba sa heso
Setjhaba sa South Afrika – South Afrika

Uit die blou van onse hemel
Uit die diepte van ons see
Oor ons ewige gebergtes
Waar die kranse antwoord gee

Sounds the call to come together
And united we shall stand
Let us live and strive for freedom
In South Africa our land

UMHLA ____________________



## Bhala amagama ngendlela echanekileyo.



1  inkqasinto inkqantosi

2  iyinkqa ____________

3  uzankqonkqoku ____________

4  unkasinkqa ____________

5  inzintla ____________

6 

ibonkqu ____________

7  imantla ____________

8  iyozintli ____________

UMHLA ____________________

# Ingqiqo

**Funda ibali elithi, Ilizwe lonke jikelele.**
**Phawula iimpendulo ezichanekileyo.**

1 Ungayibona phi iNtaba yeTafile?

- ○ Mpuma Koloni ○ Ntshona Koloni ○ Mntla Koloni

2 Kuphi apho iintaba zibengezela njenge golide?

- ○ Limpopo ○ Mpumalanga ○ Freystata

3 Beka amaphondo ngolandelelwano lokutyelelwa kwawo.

| | |
|---|---|
| 8 | KwaZulu-Natal |
| | Ntshona Koloni |
| | Limpopo |
| | Mpuma Koloni |
| | Mntla Ntshona |
| | Freystata |
| | Mpumalanga |
| | Mntla Koloni |
| | Gauteng |




4 Yeyiphi eyona ndawo onokuthanda ukuyityelela kakhulu?

____________________



# Fundani ngababini



EMntla Ntshona siyakwazi ukonwabela imidlalo yasemanzini kwiDama iHartbeespoort. Udonga lwedama lwakhiwa ngowe-1896.

**? Lwakhiwa ngowuphi unyaka udonga lwedama?**

Xa sibuyela eNtshona Koloni. Singafunda banzi ngembali yoMzantsi Afrika ngokutyelela isiqithi iRobben Island.



**? Yintoni esinokuphinda sifunde ngayo eNtshona Koloni?**



___________

# Ukugcina unxibelelwano

## Iveki yesi-3 neyesi-4



# Imbali yokubhala



Ngaphambi kokuba kubekho ukubhala, abantu kwakufuneka baxelelane yonke into ekufuneka beyazile. Kwakufuneka nokuba bakhumbule oko bakuvileyo.

Ekuhambeni kwexesha, abantu bazoba imifanekiso ukubanceda ukukhumbula izinto ezenzekileyo. Eminye yale mifanekiso sisayibona emiqolombeni.

Ukuzoba imifanekiso kwakuthatha ixesha elide, ngoko abantu baqala ukwenza iimpawu ezilula ezimele izimvo.

Ukuba bafuna ukuxelela umntu ngobushushu okanye ngokukhanya, babenokuzoba umfanekiso welanga.



intlanzi



inkomo



ilanga



ingqolowa

Malunga neminyaka engama-5 000 eyadlulayo, abalawuli baseMesopotamiya babesebenzisa intonga ebukhali ukwenza iimpawu kudongwe. Eli cwecwe libonisa uphawu lwesivuno serhasi amaxa amathandathu. Izangqa yayiyindlela yokubala.



AmaJiphutha aqala ukuzoba iimpawu ezihambelana nezandi kwintetho. Olu hlobo lokubhala lwalubizwa ngokuba yihayiroglifikhi (hieroglyphics). Babebhala ephepheni elenziwe ngeengcongolo.



ETshayina, abantu basebenzisa iimpawu ezimelele izimvo okanye iingcinga ezithile. Jonga zonke izimvo kuphawu olumele ukumamela! AmaTshayina abhala ukusuka phezulu ukuya ezantsi ephepheni.




IsiArabhu sibhalwa sifundwe ukusuka ekunene ukuya ekhohlo. Umbhalo wesiArabhu unoonobumba abangama-28, abamele izandi.



أَنَا أَشْعُرُ بِالسَّعَادَةِ عِنْدَمَا تَحْكِي
لَنَا جَدَّتِي القِصَصَ كُلَّ لَيْلَةٍ.

Ndiziva ndonwabile xa umakhulu esibalisela amabali ngokuhlwa.

Iilwimi ezininzi zibhalwa ngokusebenzisa i-alfabhethi eyaqala ukusetyenziswa kwiRoma yaMandulo. Kukho oonobumba abangama-26 kule alfabhethi. Unobumba ngamnye umele isandi. Sifunda le alfabhethi ukusuka ekhohlo ukuya ekunene, ukusuka phezulu ukuya ezantsi ephepheni.




Le alfabhethi ingabhalwa ngeendlela ezininzi ezahlukileyo.





Ukubhala kubaluleke kakhulu. Abantu banokufunda izinto ezibhalwe naphi na ehlabathini.

Ukubhala kukwasinceda ukuba sabelane ngezimvo namagama nabantu abaza kuza emva kwethu.

UMHLA



# Bhala njengomJiphutha waMandulo

Kudaladala eJiphutha abantu babesebenzisa umfanekiso **wehayiroglifikhi**.

Ezi mpawu zazibhalwe kwiphepha elikhethekileyo elibizwa ngokuba **yiphaphirus**.




Jonga ezi alfabhethi zehayiroglifikhi. Ungalibhala igama lakho usebenzisa ezi mpawu?

UMHLA ______

# ndw



indwe








indwazela undwendwe isindwe

u-ku-ndwe-ba i-ndwa-ba-ne u-ya-tha-ndwa







Umntwana uthandwa ngokundweba kwakhe.

UMHLA ______________________________



# Imiyalezo eyimfihlo

**Nika unobumba ngamnye inombolo, uze ubhale umyalezo oyimfihlo usebenzisa le khowudi.**

| | | | | | |
|---|---|---|---|---|---|
| a<br>1 | b<br>2 | c<br>3 | d | e | f |
| g | h | i | j | k | l |
| m | n | o | p | q | r |
| s | t | u | v | w | x |
| y | z | | | | |

**Umyalezo:** ______________________________

______________________________

Nazi iindlela ezonwabisayo zokubhala umyalezo oyimfihlo:

- Bhala amagama abuya umva, umzekelo, mvulo = oluvm
- Sebenzisa umcinga wematshisi kunye nejusi yelamuni ukubhala ephepheni. Umyalezo awuzikubonakala ude uwubeke elangeni elitshisayo.





UMHLA ____________________

# Khetha igama elichanekileyo ukugqibezela isivakalisi.


iintlantsi
ngesindwe

iindwane


Indwe
undwendwe

indwazela




1 Umnqwazi wezithwalandwe wenziwa ngesindwe .

2 Kuyacaca bekugawula imithi ngoba kuzele ____________ .

3 Ekhaya kufike ____________ lusiphathele izipho.

4 ____________ yintaka yesiswe yaseMzantsi Afrika.

5 Wathi esa zingela wabona ngentaka ____________ .

6 Iplagi yombane yayonakele kwade kwataka ____________ .



# Indlela ekutshintshe ngayo ukubhala

Kudala, abantu babebhala ngamasiba okubhala ne-inki. Umbhalo wabo wawunamagophe amaninzi. Kule mihla, abantu basebenzisa iindlela ezilula zokubhala.

**Cela umntu omdala akuxelele ngendlela ababebhala ngayo ngexesha wayesangena isikolo.**

# qhw



ukuqhwitha



qhwaba



uyaqhwalela



isaqhwithi

qhwa-ya    i-li-qhwa    qhwa-ba







Isaqhwithi siqhwithize sawisa imithi.

UMHLA ______________________

# Amagubu athethayo

Kudala, abantu babesebenzisa amagubu xa bethumela imiyalezo kubantu abakude. Imiyalezo yokulumkisa abanye abantu ebungozini okanye eyokudlulisa iindaba ezimnandi. Isingqi ngasinye segubu sasithetha into ekhethekileyo. Abantu babeqeqeshelwa ukubetha amagubu nokuthumela imiyalezo. Kule mihla, amagubu asetyenziswa ikakhulu kwimibhiyozo, umculo kunye nokudanisa.



UMHLA ____________________



# Ukufunda amagama ngexesha elibekiweyo

**Mangaphi amagama ongawafunda ngomzuzu?**

| | | | | |
|---|---|---|---|---|
| ujingi | phakama | phatha | igusha | umva |
| uyoyika | ifoto | amagama | ngoko | nguye |
| ipilisi | idolo | bhaka | imbewu | dlula |
| yima | ibali | ingaba | jikeleza | mhle |
| igolide | yakha | ingxolo | lumka | xuba |
| igogogo | linda | ifowuni | qhekeza | umvundla |
| ayeke | luma | vula | qhuba | ubhuti |
| azama | xhuma | vala | ufuna | ngomso |

Amagama awafunde ngokuchanekileyo ______________ .

UMHLA ______________________



# Fundani ngababini



Ukuzoba imifanekiso kwakuthatha ixesha elide, ngoko abantu baqala ukwenza iimpawu ezilula ezimele izimvo. Ukuba bafuna ukuxelela umntu ngobushushu okanye ngokukhanya, babenokuzoba umfanekiso welanga.

**? Babezoba umfanekiso wantoni xa bexelela umntu ngobushushu okanye ngokukhanya?**

AmaJiphutha aqala ukuzoba iimpawu ezihambelana nezandi kwintetho. Olu hlobo lokubhala lwalubizwa ngokuba yihayiroglifikhi. Babebhala ephepheni elenziwe ngeengcongolo.




**? Lalenziwe ngantoni iphepha ababebhala kulo?**



______________________



UMHLA ______________________

# Ukunika imiyalelo ecacileyo

**Sibaxelela njani abantu indlela yokuya endaweni?**

| | |
|---|---|
| **hamba ngqo** |  |
| **jika ngasekunene** |  |
| **jika ngasekhohlo** |  |
| **dlula** |  |
| **wela** |  |

ngasemva

phakathi

imelene

ecaleni

Ngawaphi amanye amagama onokuwasebenzisa xa unika imiyalelo?

______________________



UMHLA ______________________

# ngcw



ingcwaba







iingcwangu ukungcwenga umngcwabo

| | | |
|---|---|---|
| i-ngcwe-le | ngcwa-li-sa | ii-ngcwa-ngu |



______________________



______________________



______________________

Ubungcwalisekile umngcwabo kaLingcwalise.

UMHLA ______

# Ukuqonda ngaphandle kwamagama

Singabelana ngolwazi ngaphandle kokuthetha. Jonga umfanekiso, uze ujonge indlela aba bantu basebenzisa ngayo imizimba yabo "ukuthetha".

**Tshatisa amagama nendawo echanekileyo yomfanekiso.**



UMHLA ______________________________

# Fakela isandi esishiyiweyo




1 i ngcwaba



2 qhw______a



3 uku______tha



4 uku______nga



5 sa______thi



6 umngcwa______



7 ______ngcwangu



8 ii______ntsi

UMHLA ______________________



# Iimephu






Iimephu zingasinceda sifumane indlela. Ngamanye amaxesha, iimephu ziba sephepheni. Iimephu zibakhona kwifowuni, ithabhulethi okanye ikhompyutha.

**Jonga imephu yendawo yakho. Ungasifumana isikolo sakho kuyo?**

# ngx



iingxangxasi



umngxuma



ingxobonga



ingxangxosi

i-ngxo-wa

i-si-ngxo-bo

ngxa-la







Ndibone ingximbela yomfo ingxala into engxoweni.

# Imiyalelo

**Sebenza neqabane. Funda imiyalelo. Uyaphi uPaul?**

1. Qala kwikhaya likaPaul. Hamba ngomgaqo omkhulu.
2. Wela isitalato iNtshona kunye neHadeda Avenue.
3. Ngaphaya kwendawo yokutyela, jika ngasekhohlo.
4. Hamba ngesitalato sesikolo.
5. Dlula kwikhaya likaJennilee nakwisikhululo samapolisa.
6. Indawo oya kuyo ingasekunene kwakho. Uphi?




**Nika iqabane lakho imiyalelo lisuke esikolweni liye nokuba kuphi kwimephu.**

UMHLA ______________________

## Bhala amagama ngendlela echanekileyo.

1  ingxasingxa ingxangxasi

2  ingxasingxo ______________________

3  ukungangcwe ______________________

4  ibongangxo ______________________

5  ibangcwa ______________________

6  iingungcwa ______________________

7  isibongxo ______________________

8  umangxum ______________________



UMHLA ____________________

# Ingqiqo





**Jonga kwimephu ekwiphepha lama-49.**

1 Ivenkile enkulu ikwisitalato ____________________ .

- ◯ iJabu Ndlovu
- ◯ iProtea

2 Ikhaya likaJennilee likwisitalalo ____________________ .

- ◯ sesikolo
- ◯ iNtshona

3 Ikhaya likaPaul ____________________ .

- ◯ likwisitalato iMadiba
- ◯ likumgaqo omkhulu



4 Isikhululo samapolisa ____________________ .

- ◯ siseHadeda Avenue
- ◯ sikwisitalato iMadiba

5 Indawo yokutyela ikwicala lesikolo elise-

- ◯ mpuma
- ◯ ntshona.

6 Isikolo sikwisitalato ______________________________ .

7 ________________________________________ ikwikona yesitalato sesikolo nomgaqo omkhulu.

8 Ukuba ukwiPaki iTutu, kufuneka uhambe ngesitalato ______________________________ okanye isitalato iProtea ukuze ufike esikolweni.







# Fundani ngababini




ETshayina, abantu basebenzisa iimpawu ezimele izimvo okanye iingcinga ezithile. Jonga zonke iimbono kuphawu olumele ukumamela! AmaTshayina abhala ukusuka phezulu ukuya ezantsi ephepheni.

**Aqala ngaphi ukubhala amaTshayina?**

IsiArabhu sibhalwa sifundwe ukusuka ekunene ukuya ekhohlo. Umbhalo wesiArabhu unoonobumba abangama-28, abamele izandi.



**Bangaphi oonobumba abamele iizandi kwisiArabhu?**



# Kwenzeka ntoni ebusuku?

## Iveki yesi-5 neyesi-6





# Iphupha likaSipho




Ngobunye ubusuku uSipho waphupha iphupha elingaqhelekanga. Waphupha ngathi udibana nexhego. Ephupheni lakhe ixhego lathetha naye.

Ngentsasa elandelayo uSipho waxelela umakhulu ngephupha lakhe.

Umakhulu wabuza uSipho ukuba ibinjani loo ndoda. Emva koko, wabonisa uSipho ifoto katatomkhulu wakhe.

“Ndicinga ukuba eli liphupha elikhethekileyo,” watsho umakhulu.

USipho wathi kumakhulu, “Ixhego lithe kum mandibukele *uKhumbul’ekhaya* kumabonakude kunye nawe.”



Ngobo busuku uSipho nomakhulu wakhe babukela *uKhumbul'ekhaya* kumabonakude. Kwavela ixhegokazi. "Ndikhangela usapho lomntakwethu," latsho.

Umakhulu kaSipho wakhamisa. "Hayini!" wathi, "ngumfanekiso katatomkhulu wakho lowa!"






Eli nenekazi likumabonakude lithe, “NdinguDuduzile Gumede. Igama lomntakwethu nguBheki Gumede. Sasihlala eShowe.”

“Andiyikholelwa!” watsho umakhulu. Watsalela umnxeba loo nombolo ngoko nangoko.



Iqela likamabonakude *leKhumbul'ekhaya* lazisa uDuduzile kwamakhulu. Amaxhegwazana amabini ahlala ancokola. Balila bawolana behleka, baphinda balila.

UDuduzile wanga uSipho, wathi ufana nqwa notatomkhulu wakhe.

Wathi uSipho, "Usenze sakufumana ephupheni lam." "Mhlawumbi wenze njalo," watsho umakhulu encumile.





# Ukwenza isonka

Ababhaki basebenza ebusuku ukwenzela isonka sibesitsha kusasa. Kuthatha ixesha elide ukwenza isonka, ngoba igwele entlameni kufuneka likhule ukuze isonka sithambe.





Xuba igwele namanzi, uze ulinde lide libile.



Xuba nomgubo kunye netyuwa, uze uxove ide ithambe ingabi nazigaqa.



Yilinde ide inyuke kangange milinganiselo emibini.



Faka kwizitya, uyilinde inyuke kwakhona.



Bhaka kwi-oveni eshushu.



Isonka silungele ukupakishwa sithengiswe.

Uthanda oluphi uhlobo lwesonka?

UMHLA ____________________

# nts



intsikizi







iintsana intsontela intsimbi

i-ntsu-mpa i-ntsa-sa i-ntsu-ngu-zi



____________________



____________________



____________________

Iintsana zikaNontsikelelo zidlale intsasa yonke.

UMHLA



# Umfuniselo wegwele



**Kwenzeka ntoni xa sidibanisa igwele namanzi aneswekile?**

1 Ucinga ukuba kuza kwenzeka ntoni kwibhaloni? Ngoba?

2 Qwalasela ibhaloni kangangemizuzu eli-10. Ubona ntoni?

3 Sondeza indlebe yakho kwibhaloni. Uva ntoni?

# Khetha igama elichanekileyo ukugqibezela isivakalisi

ngentsontela



intsimbi



intsikizi





iintsumpa



ingxobonga



Intsasa



1 Iinkomo zibotshwe ngentsontela.

2 Yintaka emnyama kakhulu ____________.

3 USipho uyathandwa kukuphuma ____________ ebusweni bakhe.

4 ____________ yintaka enesifuba esimthubi.

5 Umakhi usebenzisa ____________ xa esomba.

6 Utitshala ubetha ____________ yokungena esikolweni.

# Isibhakabhaka entla kwethu



Isibhakabhaka ngumaleko omkhulu wegesi, obizwa ngokuba yi-athmosfiye (umoya ojikeleze umhlaba). Sibonakala ngokwahlukileyo ngamaxesha ahlukileyo osuku.

**Kutheni isibhakabhaka sibonakala siluhlaza emini kodwa simnyama ebusuku?**

UMHLA ____________________

# ntsh



intshili







intshulube intshantshongo intshontsho

ii-ntshi-ya i-ntsho-lo i-ntsha-tshe-li

 ____________________

 ____________________

 ____________________

Sekuqale ukukhula iintshatshoba neentshatha emasimini.

UMHLA ______________________



# Amathemba namaphupha am

**Bhala impendulo enye kwibhloko nganye.**

**Isikolo**
Ndiyathemba ...

**Abahlobo**
Ndiyathemba ...

**Xa ndimdala**
Ndinqwenela ...

**Ngomhlaba**
Ndinqwenela ...

UMHLA ____________________



# Ukufunda amagama ngexesha elibekiweyo

**Mangaphi amagama ongawafunda ngomzuzu?**

| | | | | |
|---|---|---|---|---|
| linda | uhambile | watya | inqatha | kwakhona |
| ihobe | funisa | izilwanyana | elandelayo | utsotsi |
| qhekeza | umsebenzi | inyanga | umakhulu | xhela |
| uyoyika | cotha | nyamezela | ebaleni | umphathiswa |
| ipere | umntwana | intloko | itshintshi | batsala |
| isele | umntu | ikhwapha | wacinga | bophelela |
| emva | utata | ungaze | unyawo | thuthuzela |
| vuthela | ingqukuva | ingalo | nyathela | thimla |

Amagama awafunde ngokuchanekileyo ____________.

UMHLA ____________________



# Fundani ngababini



Emva koko, wabonisa uSipho ifoto katatomkhulu wakhe.
"Ndicinga ukuba eli liphupha elikhethekileyo," watsho umakhulu.
USipho wathi kumakhulu, "Ixhego lithe kum mandibukele *uKhumbul'ekhaya* kumabonakude kunye nawe."

**Ixhego lathi baze benze ntoni uSipho nomakhulu?**

_______________________________________________

Ngobo busuku uSipho nomakhulu wakhe babukela *uKhumbul'ekhaya* kumabonakude.
Kwavela ixhegokazi. "Ndikhangela usapho lomntakwethu," latsho.
Umakhulu kaSipho wakhamisa. "Hayini!" wathi, "ngumfanekiso katatomkhulu wakho lowa!"



**Lathi likhangela ntoni ixhegokazi?**



_______________________________________________

# Isibhakabhaka ebusuku

## Inyanga



Inyanga yeyona nto ilula ukuyibona kuba ikhangeleka iyeyona inkulu. Inyanga ijikeleza uMhlaba. Ayinakukhanya okukokwayo. Siyakwazi ukubona ukukhanya kweLanga kubonakaliswe kumphezulu wenyanga.

## Iinkwenkwezi



Iinkwenkwezi ziibhola ezinkulu ezibengezelayo zegesi. Ziya zikhuphela ukukhanya. Inkwenkwezi ekufuphi noMhlaba liLanga. Ebusuku uninzi lwezikhanyiso ezincinane esizibonayo ziinkwenkwezi. Iinkwenkwezi ezininzi zikude kakhulu.

## Izinto ezenziwe ngabantu



Xa iLanga likhanya kwisathelayithi, liyabonakala lihamba esibhakabhakeni. Ngobunye ubusuku ungabona isiKhululo saseMajukujukwini samaZwe ngamaZwe ngaphandle kwetheleskophu. Khangela ukukhanya okuqaqambileyo, okukhawulezayo okungadanyaziyo.

## I-Milky Way



I-Milky Way ngumnyele wesibhakabhaka esiphila kuwo. Liqela leenkwenkwezi ezimalunga neebhiliyoni ezingama-200. Ebusuku ibonakala ngathi ngumgca omhlophe oqaqambileyo esibhakabhakeni.

UMHLA ____________________

# ndl



indlu







indlazi indlovu indlulamthi

ii-ndla-thi i-ndle-be i-ndla-ma-nzi



____________________



____________________



____________________

Iindlovu neendlulamthi zizilwanyana zasendle.

UMHLA ______________________

# Fakela isandi esishiyiweyo




1 i ndlo ndlwane



5 intshu ______ be



2 ii ______ thi



6 indle ______



3 i ______ ntela



7 i ______ ntsho



4 i ______ zi



8 i ______ lamthi

# Jonga inyanga



Inyanga ayisoloko ifana. Ngamanye amaxesha sibona inyanga epheleleyo, ngamanye amaxesha inxalenye yayo kuphela.

**Kutheni inyanga ikhangeleka yahlukile ngamaxesha ahlukileyo?**

# mp



impungutye







iimpukane impala impuku

i-mpa-ndla ii-mpe-thu i-mpu-me-le-lo



____________________



____________________



____________________

Impukane ithe ngcu kwimpumlo yendoda enempandla.

UMHLA ____________________

# Ukuya kulala









**Thetha ngomfanekiso.**
Zeziphi kwezi zinto ozenzayo ebusuku? Xa uthetha sebenzisa amagama, **kuqala**, **kuze**, **kulandele**.







**Bhala enye into oyenzayo:**

____________________

UMHLA ____________________

## Bhala amagama ngendlela echanekileyo

1  iinekampu iimpukane

2  indlampa ____________________

3  ibendle ____________________

4  ilamthindlu ____________________

5  milompu ____________________

6  ilampa ____________________

7  iithindla ____________________

8  ivundlo ____________________

UMHLA ____________________



# Fundani ngababini



Ngudade botatomkhulu wakho omncinci lowa.
Eli nenekazi likumabonakude lithe,
“NdinguDuduzile Gumede.
Igama lomntakwethu nguBheki Gumede.
Sasihlala eShowe.”
“Andiyikholelwa!” watsho umakhulu. Watsalela umnxeba loo nombolo ngoko nangoko.

**? Ngubani igama likatatomkhulu kaSipho?**



UDuduzile wanga uSipho, wathi ufana nqwa notatomkhulu wakhe.
Wathi uSipho, “Usenze sakufumana ephupheni lam.”
“Mhlawumbi wenze njalo,” watsho umakhulu encumile.

**? Ududuzile wathi uSipho ufana nabani?**



____________________

# Izilwanyana zasebusuku

## Iveki yesi-7 neyesi-8



# Ibali lesikhova



Kwathi ke kaloku ngantsomi, kudaladala, inkondekazi ethile yayifikele esiphelweni sobomi bayo. Ubomi bayo babumnandi kakhulu.

Le nkondekazi yangqengqa ebhedini yayo inqwenela ukuva isikhova sikhala okokugqibela.

Isikhova sawuva umnqweno wayo. Sakhala, “Woo, wooo! Woo wooo!”. Emva koko, sabhabha saya kuzingela iimpuku.





Unyana wenkondekazi waba buhlungu kukusweleka kukamama wakhe. Wayecinga ukuba kungenxa yempazamo yesikhova ukuba umama wakhe asweleke.

Waxelela abantu ababehlala kufuphi naye ukuba bagxothe izikhova. Wathi ukuba ebesigxothile isikhova umama wakhe ngeyesaphila. Abantu bazigxotha izikhova elalini.





Izikhova zabhabha zemka elalini. Zaya kuzingela iimpuku kwezinye iindawo.

Iimpuku ezimbalwa elalini zazizimele izikhova. Kodwa ngoku izikhova zazingasekho. Iimpuku zabaleka zaphuma emingxunyeni yazo.

Iimpuku zakutya konke ukutya kwelali. Zatyeba zaba namantshontsho amaninzi. Emva koko, kwafika iinyoka zizokutya iimpuku.

Yiyo loo nto, apho abantu bagxotha khona izikhova, kubakho intlaninge yeempuku ezitya ukutya kwabo. Kwaye zibaninzi iinyoka eziyo kutya iimpuku.



UMHLA ____________________



# Izidalwa zasebusuku

**Funda ngezi zidalwa eziphuma ebesuku.**

| | Sihamba njani | Sitya ntoni | Umzimba ugqunywe ngantoni |
|---|---|---|---|
| **Udyakalashe**  | Uyahamba, uyankcunkca, uyabaleka Ungabaleka kangangama-60 e-kph | Iinyamakazi ezincinci, izilwanyana ezirhubuluzayo, izinambuzane, iintaka, iziqhamo, amaqunube | Uboya obumdaka namnyama |
| **Incanda**  | Iyahamba, iyabhadaza, iyabaleka Ingabaleka kangangesi-3 se-kph | Amaxolo, itswele, iziqhamo eziwileyo kunye neengcambu | Uboya neentsiba |
| **Isikhova**  | Siyabhabha, siyangcileza emhlabeni Singabhabha kangangama-60 e-kph | Iintlobo-ntlobo ngentlobo zeempuku, izilwanyana ezincinci ezincancisayo kunye neentaka, izinambuzane, ingakumbi amanundu | Iintsiba |
| **Ihodi**  | Liyahamba, liyabaleka Lingabaleka kangangama-40 e-kph | Iimbovane neentubi elizomba ngeenzipho ezomeleleyo ezibukhali | Uboya oburhabaxa obugqagqeneyo |

Sesiphi isidalwa osibona isesona soyikekayo? Ngoba?

____________________

# ngq



ingqolowa







ingqola ingqiniba ingqangqolo

i-si-ngqa-la i-si-ngqu-sho i-ngqe-le





UNgqukuva ungene wangqala ngqo kwisingqusho.




UMHLA ______________________

# Khetha igama elichanekileyo ukugqibezela isivakalisi.

isangqa

ngengqolowa



impompo



ingqula



ingqiniba



impumlo





1 Umgubo wokubhaka wenziwe ngengqolowa.

2 Ubhuti ushukuma ______________ xa ethetha.

3 UBonga ushiye ______________ impompoza amanzi.

4 Utata ungqube ______________ yakhe edongeni.

5 Lwakhala usana kuba luvaleke ______________.

6 UToto uzobe ______________ esibomvu encwadini yakhe.

# Izikhova



Izikhova ziintaka eziqhelekileyo kuninzi loMzantsi Afrika. Ikakhulu zizingela ebusuku, kwaye ziyakwazi ukubona kakuhle ebumnyameni. Zizingela iimpuku.

**Izikhova zingabanceda njani abantu?**

UMHLA

# mv



imvulophu



imvubu



izimvi



imveku

i-mvu-me i-mva-ka-lo i-mvi-wo







UNomvundlana udlala emvuleni emva kwemini.

UMHLA ______________________________



# Ukufunda amagama ngexesha elibekiweyo

**Mangaphi amagama ongawafunda ngomzuzu?**

| | | | | |
|---|---|---|---|---|
| uhambile | watya | kwakhona | inqatha | linda |
| funisa | izilwanyana | utsotsi | elandelayo | ihobe |
| umsebenzi | inyanga | xhela | umakhulu | qhekeza |
| cotha | nyamezela | umphathiswa | ebaleni | uyoyika |
| umntwana | intloko | batsala | itshintshi | ipere |
| umntu | ikhwapha | bophelela | wacinga | isele |
| utata | ungaze | thuthuzela | unyawo | emva |
| ingqukuva | ingalo | thimla | nyathela | vuthela |

Amagama awafunde ngokuchanekileyo ______________ .

UMHLA ____________________



# Fundani ngababini



Le nkondekazi yangqengqa ebhedini yayo inqwenela ukuva isikhova sikhala okokugqibela.
Isikhova sawuva umnqweno wayo.
Sakhala, "Woo, wooo! Woo, woooo!".
Emva koko, sabhabha saya kuzingela iimpuku.

**Sabhabha saya kwenza ntoni isikhova?**

Unyana wenkondekazi waba buhlungu kukusweleka kukamama wakhe. Wayecinga ukuba kungenxa yempazamo yesikhova ukuba umama wakhe asweleke.



**Unyana wayecinga ukuba umama wakhe uswelekiswe yintoni?**



____________________

UMHLA ____________________

# Ukubona ebumnyameni

**Izilwanyana ezisebenza ebusuku ziyabona ebumnyameni.**



Izikhova zinamehlo amakhulu. Amehlo aso athatha isiqingatha sesithuba kwintloko yaso.



Iikati ezinomaleko emehlweni azo obonisa ukukhanya. Oku kuzinceda zibone kakuhle xa zizingela ebumnyameni.



Ukhozo lweliso lengwenya ingathi lusikekile kwaye luyakwazi ukuba banzi ukuvumela ngaphakathi ukukhanya okuninzi.

Wakha wawabona amehlo ezilwanyana ekhanya ebumnyameni? Uyasazi eso isilwanyana wawusibona?

____________________

UMHLA ____________________

# ngw



i**ngw**ane

  

ama**ngw**evu i**ngw**evukazi i**ngw**enkala

i-**ngw**i-qi ii-**ngw**e-le i-**ngw**a-m-za



____________________



____________________



____________________

I**ngw**anyalala iginye i**ngw**iqi yakubona ii**ngw**ele.

# Ubusuku obuneenkwenkwezi



Kwikota edlulileyo sijonge umzobo kaVincent van Gogh obizwa ngokuba "ngoojongilanga". Lo mzobo ubizwa ngokuba ngu-"Starry Night" (Ubusuku obuneenkwenkwezi).

**Yeyiphi imibala onokuyibona kulo mzobo. Ikwenza uzive njani?**

UMHLA ______________________________

# ngc



ingcungcu







ingca iingcingo umngcunube

ngco-tsha i-ngcu-ka i-ngco-mbo-lo







______________________________

______________________________

______________________________

Unongcondo uyangcucalaza.



UMHLA ____________________

# Bhala amagama ngendlela echanekileyo



1  iingongci iingcingo

2  ukutshangco ____________________

3  unubemngcu ____________________

4  iimbungca ____________________

5  ingcuncgu ____________________

6  ibumvu ____________________

7  inibangqi ____________________

8  iphumvulo ____________________

UMHLA ______________________



# Fundani ngababini



Waxelela abantu ababehlala kufuphi naye ukuba bagxothe izikhova. Wathi ukuba ebesigxothile isikhova umama wakhe ngeyesaphila. Abantu bazigxotha izikhova elalini.

**Wathi abantu mabazithini izikhova?**

Izikhova zabhabha zemka elalini. Zaya kuzingela iimpuku kwezinye iindawo.
Iimpuku ezimbalwa elalini zazizimele izikhova. Kodwa ngoku izikhova zazingasekho. Iimpuku zabaleka zaphuma emingxunyeni yazo



**Zazizimela phi iimpuku?**



______________________

# Amaxesha akhethekileyo nosapho

## Iveki ye-9



# UDora intombazana yeentyatyambo



UDora waxelwa ngumama wakhe ukuba umakazi wakhe uza kutshata ngeeholide zikaDisemba, kwaye wayefuna ukuba uDora abe yintombazana eza kuphatha iintyatyambo emtshatweni.

UDora wavuya kakhulu. Wayengazange akhe aye KwaZulu-Natal, apho kwakuhlala umakazi wakhe.



“Yhuu! Mna, intombazana yeentyatyambo! Sendingxamele ukuxelela abahlobo bam!” watsho. Wadanisa kwindawo yonke ebhabhisa iingalo zakhe emoyeni. Umama wakhe nomakhulu bahleka.

Emva koko, uDora wabuza, “Yenza ntoni intombazana yeentyatyambo? Ndiza kunxiba ntoni?”



Umama wakhe wathi, “Siza kukufunela ilokhwe entle enebhowu elikhulu ngasemva, kwaye uza kufaka iintyatyambo ezinweleni zakho. Uza kuba nendima ebalulekileyo emtshatweni.”

Kungekudala, uDora waba nexhala. “Ingaba ndiza kuba yintombi yeentyatyambo ndedwa? Ndicinga ukuba ndisenokoyika ukuba secaweni ndedwa.”

“Ungakhathazeki,” watsho umama wakhe, “Umzala wakho uZandile naye uza kuba yintombazana yeentyatyambo. Niza kungena nobabini ecaweni phambi komtshakazi.”



Umama wakhe wamxelela ukuba umsitho wasecaweni uza kuba yindima nje yokuqala yomtshato. "Emva koko, siza kuba netheko lomtshato sonke," watsho. Kuza kubakho intente enkulu emhlophe. Kuza kubakho nokutya okuninzi okumnandi, kwaye wena noZandile niyakwazi ukudanisa."





Umakhulu wathi ngosuku olulandelayo baza kuya kumsitho wesiNtu kulomyeni. “Siza kunifunela iimpahla ezikhethekileyo kwaye niza kuxhentsa umxhentso wesiNtu namanye amantombazana.

“Iya kuba yeyona mpelaveki ibalaseleyo ebomini bam!” watsho uDora.

# Phanda ngeminyhadala

AmaHindu abhiyozela **iDiwali, uMthendeleko wokuKhanya**, ekuqaleni kukaNovemba. Imithandazo ithatha iintsuku ezi-3 ukuya kwezi-5. Abantu bakhanyisa izibane ze-diya. Banxiba ezona mpahla zabo zintle, kwaye baphathele abahlobo nabamelwane izipho zezidlo ezimnandi.





AmaIslam abhiyozela **i-Eid Al-Fitr** ekupheleni kweRamadan. Imihla iyatshintsha nyaka ngamnye. Imibhiyozo ithatha iintsuku ezi-3. Abantu banxiba ezona mpahla zabo zintle, kwaye bahombise amakhaya abo. Bapha abahlobo neentsapho zabo izipho, baze baphe amahlwempu ukutya.

AmaKristu abhiyozela **iKrisimesi** ongowama-25 kaDisemba, ukukhumbula ukuzalwa kukaYesu. Abantu bahombisa amakhaya neevenkile zabo. Baya ecaweni, bathenge iimpahla ezintsha, banikezele ngezipho, baze batye okona ukutya bakuthandayo.



UMHLA ______________________________

# qhw



iqhwintsi







| | | |
|---|---|---|
| ukuqhwitha | isiqhwala | isaqhwithi |

| | | |
|---|---|---|
| u-ku-qhwa-ba | i-ntla-ma | i-ntlu-tha |



______________________________



______________________________



______________________________

Isiqhwala sitye ilekese eqhwethayo safihla intloko ziintloni.

UMHLA ______________________



# Iminyhadala ekhethekileyo

**Zalisa itheyibhile.**

| |  **Diwali** |  **Eid Al-Fitr** |  **iKrisimesi** |
|---|---|---|---|
| Nini? | | | |
| Ixesha elingakanani? | | | |
| Abantu benza ntoni 1 | | | |
| Abantu benza ntoni 2 | | | |

# Khetha igama elichanekileyo ukugqibezela isivakalisi.







kuqhwaba

ukuqhwitha

intloko

Isaqhwithi

Intlama

otyheli









1 Umama uxove intlama eninzi.

2 Musa ______________ umcinga uza kutshisa.

3 Xa ungavumi uze unikine ______________.

4 ______________ ebesilapha siwise imizi nemithi emininzi.

5 Umbala ______________ ngowona ndiwuthandayo.

6 Ndiza ______________ kathathu nivule amehlo.

# Izithethe zomtshato



Iinkcubeko ezahlukileyo zineendlela ezahlukileyo zokubhiyozela imitshato.

**Phanda malunga nezithethe zomtshato kusapho lwakho.**

# ndw



indwazela



indwe



indwane



indweza

u-tyhu-di-sa u-ndwe-ndwe u-ku-tyho-la



______



______



______

Ndilubone undwendwe lulinde ngasetyholweni.

# Ndifunde ntoni?

**Thetha ngezinto ozifundileyo kule mixholo.**



Ndikhethekile



Umhlaba



Izinto esizidingayo ukuze siphile



Izithuthi



Amaxesha onyaka



UMzantsi Afrika



Amakhaya ezilwanyana



Amaphupha

Yeyiphi imixholo ubuyonwabele kakhulu?

______________________________________________



UMHLA ______________________

# Ingqiqo



**Funda ibali elithi, UDora intombazana yeentyatyambo.**

1 Ngubani owaxelela uDora ngomtshato?

- ○ ngumama wakhe
- ○ ngumakhulu wakhe
- ○ nguZandile



2 Zeziphi iimpahla ezikhethekileyo eziza kunxitywa nguDora?

- ○ ilokhwe emhlophe
- ○ iintyatyambo ezinweleni zakhe
- ○ ilokhwe emibalabala

3 Ibali ______________________ .

- ○ lenzeka ngoku
- ○ selenzekile
- ○ liseza kwenzeka

4 Yenza ntoni intombazana yeentyatyambo emtshatweni?

______________________

______________________

5 Uza kuqhutyelwa phi umsitho wesiNtu?

______________________

UMHLA ____________________





# Ukufunda amagama ngexesha elibekiweyo

**Mangaphi amagama ongawafunda ngomzuzu?**

| | | | | |
|---|---|---|---|---|
| phakama | umva | phatha | igusha | ujingi |
| ifoto | nguye | amagama | ngoko | uyoyika |
| idolo | dlula | bhaka | imbewu | ipilisi |
| ibali | mhle | ingaba | jikeleza | yima |
| yakha | xuba | ingxolo | lumka | igolide |
| linda | umvundla | ifowuni | qhekeza | igogogo |
| luma | ubhuti | vula | qhuba | ayeke |
| xhuma | ngomso | vala | ufuna | azama |

Amagama awafunde ngokuchanekileyo ____________ .



UMHLA ______________________

# Fundani ngababini



"Yhuu! Mna, intombazana yeentyatyambo! Sendingxamele ukuxelela abahlobo bam!" watsho. Wadanisa kwindawo yonke ebhabhisa iingalo zakhe emoyeni. Umama wakhe nomakhulu bahleka.
Emva koko, uDora wabuza, "Yenza ntoni intombazana yeentyatyambo? Ndiza kunxiba ntoni?"

**? Wabuza ntoni uDora kumama wakhe?**

Umama wakhe wamxelela ukuba umsitho wasecaweni uza kuba yindima nje yokuqala yomtshato. "Emva koko, siza kuba netheko lomtshato sonke," watsho. Kuza kubakho intente enkulu emhlophe. Kuza kubakho nokutya okuninzi okumnandi, kwaye wena noZandile niyakwazi ukudanisa."



**? Yintoni le uZandile noDora umama athi bayakwazi ukuyenza?**



______________________

# Amaphepha asikwayo



Singafunda banzi ngembali yoMzantsi

Afrika ngokutyelela isiqithi iRobben Island.

Masenze ngathi sithatha uhambo

olujikeleza uMzantsi Afrika.

Kudala abantu kwakufuneka

baxelelane  yonke into ekufuneka

beyazile baze bakhumbule

oko bakuvileyo.



| | | | |
|---|---|---|---|
| 日 | ilanga | | |
| 月 | inyanga | | |
| 木 | umthi | | |
| 山 | intaba | | |
| 水 | amanzi | | |

Ukubhala kusinceda ukuba

sabelane ngezimvo kunye

namagama nesizukulwana esizayo.

USipho wathi kumakhulu, “Ixhego

lithe kum mandibukele uKhumbul’ekhaya

kumabonakude kunye nawe.”

Amaxhegwazana amabini

ahlala ancokola.

Babelila bewolana

behleka, baphinde balile.

Mandulo phaya inkondekazi

ethile yayififikelele esiphelweni sobomi

bayo. Ubomi balo babumnandi kakhulu.

Yiyo loo nto, apho abantu bagxotha

khona izikhova, kubakho iimpuku

ezininzi ezitya ukutya kwabo. Kwaye

zibaninzi iinyoka eziyo kutya iimpuku.

UDora waxelwa ngumama wakhe ukuba umakazi

wakhe uza kutshata ngeeholide zikaDisemba

kwaye wayefuna ukuba uDora abe yintombazana

eza kuphatha iintyatyambo emtshatweni.

Funda Wande

Reading for Meaning

# Iindaba zam

Namhlanje ndingathanda ukunixelela malunga ...



Nini?



Ngubani?



Phi?



Kwenzeke ntoni?



Ndizive ... Ngoba ...

creative commons
CC-BY- 4.0

ISBN 978-1-991225-26-9

VERSION 2.0